## IMIBONO, IINJONGO, IMINQWENO NEZICWANGCWISO ZAMACEBO | ISICWANGCWISO ESIQULATHIWEYO | ISISEKO SEMIGQALISELO ENGUNDOQO |

***Umbono***

Xa kufikelelwa ku2030 uMasipala wesiThili iHarry Gwala District Municipality uzakube unkqenkqeza phambili ngokuhambisa amanzi kuluntu kwiPhondo iKwaZulu-Natal. Uluntu luyakube lungcamla ngamandla kwezolimo nokhenketho.

***Isicwangcwiso Esiqulathiweyo***

Isebenzisana nabantu nabanye ababandakanyekayo iHarry Gwala District Municipality Iyakuqinisekisa ukubonelela ngamanzi acocekileyo, aselwayo angapheliyo neendawo zogutyulo ngokunjalo enze iinzame zokuphucula amacandelo ezolimo nokhenketho ukuze Impilo nentlalo yabantu ibengehloniphekileyo inangakumbi.

***Isiseko Semigqaliselo Engundoqo***

- Ukutyhileka
- Ukusabela Izimvo
- noKunyaniseka
- Ukubonakala Ngengxelo
- Ukuzimisela



# ISIQULATHISO


1. Imibono, Iinjongo, Iminqweno Nezicwangcwiso Zamacebo |……………….........2
Isicwangcwiso Esiqulathiweyo | Isiseko Semigqaliselo Engundoqo
2. Inqaku loMhleli..........……….............................…..............................4
   • URhulumente Omtsha
3. Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu.........................................................5-6
   • Uluntu Kumele Ludlale Indima Ekuqinisekiseni Ukuba Luyaluvikela Uphuhliso Lungalinyazwa
4. Ingabula Zigcawu kaMphathi Masipala……………….......…..........……......7-8
   • Oomasipala Mabangoyiki Ukuthatha Amanyathelo Kwabo Abadicilela Isithunzi SesiThili Phantsi
5. UMasipala waseHarry Gwala iBhunga Elikhulu.................................…........9-10
6. Ingxelo Yamanzi - Ihlaziywe Liqumrhu Lezemanzi eHarry Gwala.....................11-12
   • Iinkqubo Zezilumkiso Zeenkonzo Zamanzi
7. Zibe Yimpumelelo Iingxoxo Zokuvavanya Ezamanzi…....................................13
8. Ayaqhuba Amacebo Okufumana Izisombululo Zanaphakade Zamanzi............14-15
9. I-Harry Gwala Iqhubeka Nokuqinisekisa Ukuhlinzeka Ngamanzi.....................16
KwisiThili Sonke
10. Urhulumente Wephondo le-KZN Uthabatha Amanyathelo Entengiso...............17
Yemveliso Yoboya, Nebaluleke Kakhulu Kuqoqosho Lwasezilalin
11. Ngemifanekiso: Intlanganiso yeBhunga loCeba eHGDM ...............................18-19
12. Kumbhiyozelwe i-Nelson Mandela Day kwisiThili iHarry Gwala.......................20
13. Umsitho Wombhiyozo wamaNina...........................................................21
14. USodolophu uMnu Zamo Nxumalo Ugubhe Inyanga Yabase- Tyhini................22
basetyhini ngexesha lohlelo lwenyanga yesithoba yenhlanganiso kaMasipala iHarry Gwala District Municipality
15. Uceba Uyakuthanda Ukuhambisa Iinkonzo……........………….……..........................23-24
16. I-HGDM Iqashe uSilindile Mkhize-Zitha.......................................................…..24
17. Nanku uMphathi Omkhulu wemiSebenzi noNakekelo....................................25
lweeNkonzo zaManzi
18. Umqhubi Wesigadla e-HGDM Uyawonwabela Umsebenzi Wakhe……………....26
19. Ukusebenza Ngokuzinikela Ungu-Ndoqo Wempumelelo.............…..........……27
20. Nanku Unomphathi we-EPWP......………………….......…….......................28
21. Umboniso wooNgqondongqondo Abancinane…………………………....……29
22. I-Harry Gwala izilela ukugqitha emhlabeni kogxa wabo………………….....……30
23. Izipho Kumaxhoba Ezikhukhula……………….......………..............................31
24. Umoya Omandla Kunye Nemililo Kuchaphazelekise Okuningi……….............32-33
e-Harry Gwala
25. Impilo Entle Yabasebenzi Ngezemidlalo.…...................................................34-35
26. Xhumana Nathi.........………………………………………………….................36




SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT

2030 NDP

*"Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule"*

Inqaku loMhleli

# URHULUMENTE OMTSHA



**Umphathi Wezokuxhumana |**
UMnu Ndabezitha Tenza

**Kuliwonga nochulumanco ukunamkela kushicilelo lwethu lonyaka mali wama24/25. Sibulela inkxaso yenu engagungqiyo.**
**Le ncwadi iphuma rhoqo ngekota, ukuze abahlawuli bethu beenkonzo zikamasipala bahlale benolwazi ngeenkqubo ezenziwayo ukuhanjiswa kweenkonzo.**

Kuyimincili ukuninika ingxelo ngempumelelo yeengxoxo ezininzi esizibambe nabahlawuli beenkonzo abohlukeneyo, ukusuka kumasebe kulawulo lwelizwe ukuya kwelephondo, kunye noomasipala bethu basekuhlaleni.


Sidibana kweli qonga emva kotshintsho kulawulo lwezepolitiki eMzantsi Afrika. Kwezi nyanga ezimbalwa ezigqithileyo, kusekwe urhulumente wentlanganisela (GNU) ngenxa yokungaphumeleli kakuhle kwamaqela ezopolitiko kuvoto. Iziphumo zokhetho zomhla wama29 kweyeCanzibe 2024, zizale i-GNU, ekhokhelele kulawulo olutsha nalapho siziinkokheli zikarhulumente welizwe, sinoxanduva lokulawula ilizwe kunye nasekuhlaleni ngentlanganisela. Kulindeleke ukuba abezonxibelelwano kurhulumente bamkele ukusekwa kwe-GNU. Njengamaqela ezonxibelelwano loluntu, kulindeleke ukuba angazibandakanyi kwezopolitiko, nangona bezizithethi zezopolitiko.

Kutshanje, uMasipala wesiThili iHarry Gwala uxhase inkqubo yophuhliso lwezoqoqosho ekuhlaleni, ekhokhelwa yi-Ofisi yeNkulumbuso yaKwaZulu-Natal, kunye nesebe lezolimo nophuhliso lwasemakhaya.

INkulumbuso yaKwaZulu-Natal uMnu. Thami Ntuli kunye noMnu. Thembeni Madlopha, bebephelekwe ziinkokheli zesiThili eziquka, usodolophu waseMzimkhulu uceba Jabu Msiya-Mzizi, usomlomo wesiThili uceba Sibongiseni Mdunge, nabanye. Siye sabamba iingxoxo zabezonxibelelwano kwisiThili kumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, ukubonisana ngemiba yezonxibelelwano.

Omnye wemiba ekuxoxwe ngayo, yindlela yonxibelelwano esiza kuyilandela singamaqela ezonxibelelwano oomasipala. Iqela laseHarry Gwala lithabathe inxaxheba kwi-Umngeni-Uthukela Sports Tournament, ebibanjelwe ePinetown, ngeenjongo zokukhuthaza impilo entle, ukwenza nokugcina ubudlelwane, kunye nokukhuthaza indlela yokuziphatha emsebenzini.


Mandithabathe eli thuba ukwamkela abasebenzi bethu abatsha kwicandelo lezonxibelelwano, uNkszn. Ath'enkosi Baqwa, Nkszn. Xoliswa Dlamini kunye noFundisile Qoza.



UNks uNontuthuko Ngubane:
**Umxhumanisi KaMasipala Nomphakathi (PRO)**



UMnu uLindokuhle Chiliza:
**Usekela Mlawuli: Umcwangcisi Kwezonxibelelwano Kwisithili (GCIS)**



UNks uAth'enkosi Baqwa:
**Isekela kwezokuXhumana**



UNks uXoliswa Dlamin:
**Isekela kwezokuXhumana kwa-EPWP**



UNks uFundisile Qoza:
**Ithwasa kwezokuXhumana kwi-EPWP**

Amazwi Esikhokelo ka-Sodolophu —

# Uluntu Kumele Ludlale Indima Ekuqinisekiseni Ukuba Luyaluvikela Uphuhliso Lungalinyazwa.

**Kungentobeko nangentlonipho kum ukufumana eli thuba lokunxibelelana noluntu lonke lwesiThili sethu kwakhona kweli qonga lonxibelelwano.**

**Eli liqonga apho sinika ingxelo ngemisebenzi eyenziwe nguMasipala wethu, amacebo kunye nokunika ingxelo kwimiceli mngeni esihlangabezene nayo, xa sifezekisa uxanduva lwethu lokuhlinzeka ngamanzi nogutyulo lwelindle, kwimbombo zone zengingqi yethu.**

**IHarry Gwala kwilinge lokuqinisekisa ukuhlinzeka ngamanzi kwisiThili sonke.**

Ziya ekupheleni iiprojekthi ezinkulu zoMasipala wesiThili iHarry Gwala, nanjengoko ezininzi zikumyinge wamashumi alithoba anantlangu ekhulwini (95%) ukuya ekupheleni, zinyusela ukuhlinzeka ngamanzi kwisiThili sonke, ukusuka ku55% ukuya ku65%.


Oku sikwenze ngenxa yokuphucula amacebo ethu nokwenza umsebenzi ngethuba, apho kukhona imiceli mngeni enzima, besinxibelelana noluntu lwethu ukuze sifumane izisombululo zokuqhubeka neeprojekthi zethu ezicetyiweyo.

**Iiprojekthi eziqhutywayo nesele zizakugqitywa ziquka:**

**> IMnqumeni Project:**
Le projekthi izakuphelisa umceli mngeni wokungqongophala kwamanzi kwiilali ezili14, nanjengoko sele kulungiswe nezakhiwo.

**> IIphrojekthi yase-Ibisi:**
Le projekthi ikumyinge we95% ukuze igqitywe, ukugqitywa kwayo kuzakuxhunywa onke amakhaya akuluhlu lokuxhamla, kwaye izakuba nezindlu zangasese ezigungxulwayo.

**> KwaMeyi Project:**
Enyanisweni, le projekthi ijamelene nemiceli mngeni emininzi. Iindaba ezimnandi zezokuba siyoyisile lo miceli mngeni, kwaye kulindeleke ukuba le projekthi igqitywe kwEyeDwarha kulo nyaka.



**Usodolophu waseHGDM |**
uCeba uZ.D Nxumalo

**> IGreater Summerfield Project:**
Le yenye yeeprojekthi ekulindeleke ukuba igqitywe kufutshane, kwaye usuku lokugqitywa kwayo lubekelwe inyanga YoMsintsi.

**> E-Fairview Project:**
Le projekthi sele igqitywe.

**> Kempsdale Dam Project:**
Unokhontilakhi wale projekthi sele etyunjiwe, kwaye uzakuqala ngeziko lokuphehla, nanjengoko isiThili sisalinde iimpepha-mvume kwisebe lezamanzi nogutyulo lwelindle, kwisigaba sokonyuswa kodonga lwedama. Le yenye yeeprojekthi ezinkulu zesiThili nalapho kuza kwandiswa idama, konyuswe udonga lwedama ukusuka kwiimitha ezine ukuba kwiimitha eziyi7.8. Izakuncedisa ngokuhlinzeka ngamanzi eKokstad iminyaka emininzi ezayo.





SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT

NDP 2030

*"Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule"*

## Inyanga yamanina

Rhoqo ngonyaka, kwinyanga YeThupha, ilizwe lethu libhiyozela inyanga yamanina. Le, yinyanga ebaluluke kakhulu enyakeni, nanjengoko sikhumbula amanina angaphaya kwama20000 athi abamba umngcele ukuya kwi-Union Buildings nge9 kweYeThupha 1956, eqhankqalazela imithetho yedompasi kwabasetyhini.

Le nyanga YeThupha isinika ithuba lokuhlonipha iintyatyambo zelizwe lethu.

Umbhiyozo walo nyaka ububanjwe ngaphantsi komxhelo othi: "Sibhiyozela iminyaka elishumi yenkululeko kuphuhliso lwabasetyhini" kwaye uphawula iminyaka engama68 yomngcelele wodumo.

Le mibhiyozo yenyanga yamanina yenza sikhumbule umgama ohanjwe lilizwe lethu ukuphuhlisa abasetyhini, ikwasinika nethuba lokuceba nokwenza konke okudingekayo, ukuqinisekisa ukuba siyaqhubeka nophuhliso lwabasetyhini, ukuze bathabathe indawo ebafaneleyo eluntwini kuwo onke amaqonga.

Kuwo onke amanina, ndivumeleni ndigqithise umbulelo kuni, ndihloniphe amandla enu nokuzinikezela kwenu, kwaye ndiyanibongoza ukuba niphuhlisane.

> **"Kuwo onke amanina, ndivumeleni ndigqithise umbulelo kuni, ndihloniphe amandla enu nokuzinikezela kwenu, kwaye ndiyanibongoza ukuba niphuhlisane."**



## Masiqaphele

Ndivumeleni ndenze isicelo, kwaye nindimamele kwesi sicelo. Kwiminyaka egqithileyo,nakutshanje, sibe nesimo sezulu esibi nesidale umonakalo omkhulu. Ndicela nonke niqaphele. Xa kukhutshwa izilumkiso zemozulu, masidlale indima yethu ngokuqinisekisa ukuba sikhuselekile, ngokumamela izilumkiso ezisuka kwicandelo lolawulo lwezentlekele kunye nabaxhasi abasemthethweni.

Xa ndigqibezela, kungayi mpazamo enkulu xa ndingancomi ukuphucuka kwingeniso yesiThili.

Isebe lethu lezimali libambe imigushuzo ehlukeneyo ukukhuthaza uluntu lwethu ngokuhlawula iinkonzo zikamasipala, ukudlala indima ngokuxela amanzi avuzayo, izitamkoko ezigqabhukileyo, nokonakaliswa kwezakhiwo zethu.

IsiThili sityale, kwaye sizakuqhubeka sityala izigidi zeeRandi kuphuhliso lwezakhiwo, okwenziwa ngokusebenzisa imali yabahlawuli berhafu. Siluluntu masiqinisekise ukuba izakhiwo zethu zikhuselekile, kwaye ndikhuthaza uluntu ukuba ludlale indima yalo ukukhusela izakhiwo, neziphucula iimpilo zalo.

***Ndiyabulela.***

Ingabula zigcawu kaMphathi Masipala

# Oomasipala Mabangoyiki Ukuthatha Amanyathelo Kwabo Abadicilela Phantsi Isithunzi sesiThili



**UMphathi kaMasipala |**
UMnu uGamakulu
Ma-Art Sineke

**Ndivumeleni ndibhotise kuluntu loMasipala wesiThili iHarry Gwala, nakoomasipala bethu basekuhlaleni, egameni lokuhanjiswa kweenkonzo ngokulinganayo, okungena mkhethe nokuphucukileyo. Olu lushicilelo lokuqala lweendaba zesiThili, kwikota yokuqala yonyaka mali wama2024/2025. Njengentloko yolawulo, kunyanzelekile ukuba ndiphawule kancinane kwimiba elandelayo: ulawulo, imiqathango kunye nokuphendula.**

### Isikhokhelo

Iphepha elimhlophe kulawulo lwasemakhaya lilungiselela ulawulo, njengenye yemithetho emine yolawulo lwasemakhaya. Kulawulo lwasemakhaya, kubalulekile ukuba nolawulo oluqilima, ukuze kungafezekiswa uphuhliso kuphela, ngakumbi kumasipala wethu, oneelali ezininzi, kodwa nakwimpumelelo yomasipala wonke, ngokulandela imisebenzi yonke, ngokwemithetho yolawulo kwindawo yethu. Kungoko isikhokhelo sibalulekile ukunika amaqela alawulayo umkhomba-ndlela, kwaye sinika indawo ephucukileyo yokusebenzela, unxibelelwano olukhululekileyo, sikwakhuthaza amacebo nokoyama ngabasebenzi baso, nokuziphatha kakuhle kwabasebenzi.

Umasipala unamaqela amaninzi asebenzela iinjongo ezohlukeneyo, kodwa anombono noxanduva olunye. Okubalulekileyo, kwisebe ngalinye kumasipala kukhona abasebenzi abanamava ohlukeneyo nezakhono ezifanele ukusetyenziswa ukuzuza iziphumo ezifunekayo. Kungoko kubalulekile ukuba ikomiti yolawulo iqinisekise ukuba amacebo ophuhliso nokuhanjiswa kweenkonzo kwisiThili sonke enziwa kakuhle, afumana inkxaso kwaye ayahlolwa. Kubalulekile ukuziphatha kakuhle kwabasebenzi ukufezekisa umbono ngokwecebo lolawulo kunye nesikhokhelo sezopolitiko.

## ABALAWULI ABAKHULU



**Imanejala kaMasipala kwiCandelo Lezezimali:**
UMnu Khulani Mthembeni Brian Mzimela



**Imanejala kaMasipala kwiINkonzo yeNtlalo kunye noCwangciso loPhuhliso:**
UNkszn Ntombifuthi Nomvuselelo Fortunate Buthelezi



**Imanejala kaMasipala Iinkonzo Zezakhiwo / Ibambela:**
UMnu Nkululeko Biyase



**Imanejala kaMasipala KwiCandelo Lezemisebenzi:**
UNks Thobile Thelma Thiyane-Magaqa



**Mlawuli: Iinkonzo Zamanzi:**
UMnu Lindumusa Gwala



SEND ME TO BUILD THE MANZSI I WANT
2030 NDP
*"Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule"*

## Imiqathango

Umthetho weli loMzantsi Afrika uthi, ulawulo lwasemakhaya yingxenye karhulumente yentando yesininzi neqinisekisa ukuhanjiswa kweenkonzo eluntwini ngendlela ephucukileyo. Indlela esisebenza ngayo kwiiprojekthi neenkqubo zamanzi nogutyulo lwelindle sisiThili, silandela imithetho nemiqathango.

Oku kuquka ukunyaniseka, ulawulo oluluqilima, ukungabina mfihlo nokuzimisela okunga thandabuzisi, ekuphuculeni ubomi boluntu esilusebenzelayo. Ngaphezu koku, kukhona imiqathango, imithetho nemiqulu, ezinika umkhomba-ndlela wokuziphatha kwabaphathi nooceba xa besenza umsebenzi wabo.

Kukhona imithetho yokuziphatha eyenzelwe ooCeba, nanjengoko ikhona neyenzelwe ukuziphatha kwabaphathi. Le, kunye neminye imiqathango, kuquka inkqubo yelizwe yokulwa nobuqhophololo, inyanzelisa ukuba sihambele kude nezenzo zobuqhophololo, kwaye siziphathe kakuhle emisebenzini yethu. Le miqathango igqitha ukufuna ukuziphatha kakuhle kwabaphathi nooCeba, igunyazisa abaphathi ukuba bazihloniphe, balandele imithetho yolawulo loomasipala kwaye, bangoyiki ukuthatha amanyathelo kwabo abafuna ukudicilela isithunzi sesiThili phantsi.

## Ukuphendula

Umgca wokugqibela kwizihlokwana ugunyazisa iinkokheli ukuba ziphendule. Ukuphendula luphawu lolawulo oluphucukileyo, kwaye abo abachaphazelekayo kufuneka bakwazi ukuphendula ngezenzo zabo nokunga fezekisi izigqibo, imithetho kunye nenkcitho mali yabo.

Ukuphendula kugada ukuba izenzo zobuqhophololo eziquka umkhethe, ukusetyenziswa kwamandla ngendlela engalungaanga kunye nobugwenxa kulawulo, zibekwa iliso elibukhali. Xa iinkokheli nooCeba bephendula ngomsebenzi wabo, belandela imithetho kwaye bekhokhela ngendlela elungileyo ngamaxesha onke, isithunzi soMasipala wesiThili siyaphucuka, abantu bayaxhamla nanjengoko abaphathi bephucule indlela yokusebenza.





Imibono, ukusebenzisana nokuzinikezela emisebenzini yabo kukhokhelela abaphathi nooceba ekusebenzeni kakuhle.

## Isiphetho

Zonke izahlukwana ezingasentla zibalulekile kwimpumelelo ka2024/2025, xa sijongise phambili, sihlangabezana nemiceli mngeni, ukusilela nezinye iingxaki, njengecandelo elizinikezele ukuphucula ubomi boluntu, nokwenza ingingqi yethu ibe ngumzekelo wokufezekiswa kwemibono yethu.

***Ndiyabulelela!***

Ingxelo Yamanzi - Ihlaziywe Liqumrhu Lezemanzi eHarry Gwala

# IINKQUBO ZEZILUMKISO ZEENKONZO ZAMANZI

**Icandelo lonakekelo kwabaxhamli loMasipala wesiThili iHarry Gwala liqhuba iinkqubo zezilumkiso kuluntu nakubafundi. Ezi nkqubo nemixhelo yazo, ziyaphononongwa ukuqinisekisa ukuba zikwilungelo lokuphendula imiba ejongene nabo bantu. Le miba iquka, ulondolozo lwamanzi, impilo nococeko, ukonakaliswa kwezakhiwo kunye nezitamkoko ezigqabhukileyo. Nazi iinkqubo eziqhutywa licandelo lonakekelo lwabaxhamli ukufundisa uluntu kunye nabafundi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala:**

## - Ulondolozo lwamanzi

Injongo yeenkqubo zezilumkiso zokulondoloza amanzi, kukulumkisa wonke umntu ngokubaluleka kokulondoloza amanzi, ukuze bakwazi ukumelana nokunqongophala kwawo. Injongo kukutshintsha indlela abantu abaziphethe ngayo nangendlela abasebenzisa ngayo amanzi. Izilumkiso zokulondoloza amanzi zibalulekile, nanjengoko ichaphaza ngalinye elilondolozwayo kwikhaya ngalinye, lingenza umahluko ukulondoloza amanzi e-HGDM. Abantu bakwakhuthazwe ukuba balungise iindawo ezivuzayo emizini yabo.

Ukusetyenziswa kwamanzi nokuqinisekisa ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo kubalulekile, ukuqinisekisa ukuba wonke umntu uyaxhamla kuxanduva lwe-HGDM (ukuhlinzeka ngamanzi ngogutyulo lwelindle).



Kunyanzelekile ukusetyenziswa kwamanzi ngendlela elungile kwindawo zonke kwi-HGDM, ukuze silwe nokunqongophala kwamanzi kwaye sehlise inani labantu abahlupheka ngenxa yokudinga amanzi. Abantu boMasipala wesiThili iHarry Gwala bayakhuthazwa ukuba bakhongozele amanzi emvula ematankini.

## - Ugutyulo lwelindle, impilo kunye nococeko

Isilumkiso sococeko ngundoqo kumasipala, ukuze kunciphe izifo ezihambelana nokungacoceki kuluntu. Injongo yesi silumkiso kukukhuthaza ucoceko emakhaya nakuluntu luphela, kuquka, ukuchitha ilindle ngendlela elungile, ukuhlamba izandla, kunye nokusebenzisa izindlu zangasese ezokhiweyo ezinendawo yokuhlamba izandla.

Kuqhelekile ukuba abantu abaninzi badibana namanzi emakhaya abo, kungoko silumkisa ngobungozi bezempilo xa kusetyenziswa izinto ezithwala amanzi ezingacocekanga, nokuphatha amanzi aselwayo ngendlela e ngacocekanga. Iindlela zokuphila kakuhle nokugcina amanzi acocekileyo ziquka, ukunciphisa ungcoliseko lwamanzi, kungalahlwa izinto ezimdaka, namanzi amdaka kokusingqongileyo, nokukhokhelela ekungcolisekeni kwemithombo yamanzi.

## - Ukonakaliswa nobusela

Oku kudalwa kukonakwaliswa ngabom kwezakhiwo zikamasipala zamanzi, okanye ukwebiwa kwemibhobho, iintambo zika-Eskom, oompompi bamanzi kwezinye izakhiwo.
Oku konakaliswa kufaka uxinzelelo kuhlahlo lwabiwo mali lukamasipala olulinganiselwe ukuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi. Uba mkhulu umthwalo wezimali ngenxa yenkcitho mali eyenziwa ekulingiseni izakhiwo zeenkonzo zamanzi nokunye okwebiwayo kuzo.



SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT
2030 NDP
*"Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule"*







Abahlali bayabongozwa ukuba banakekele izakhiwo zamanzi ukuze baqhubeke bafumane iinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Abahlali noluntu bayacelwa ukuba baxele ukonakaliswa nobusela kwizakhiwo zabo zeenkonzo zamanzi, kwiziko leminxeba lonakekelo lwabaxhamli okanye emapoliseni.

### - Ukuxhuma okungekho semthethweni

Ukuxhuma okungekho semthethweni kukhokhelela kwiingxaki zemibhobho evuzayo, nokukhokhelela kwinkcitho yamanzi. Oku kuxhuma okungekho semthethweni kwenza nzima umsebenzi kamasipala wokuhlinzeka ngeenkonzo zamanzi. Abahlali bayacelwa ukuba baxele ukuxhuma okungekho semthethweni kwaye bayeke ukuphazamisana nezakhiwo zikamasipala. Abo abalangazelela ukuxhuma amanzi kumakhaya abo, kwaye bezakuhlawulela iinkonzo zikamasipala, bayacelwa ukuba baqhakamshelane neziko lezeminxeba le-HGDM ukuze bachazelwe ngendlela ekuqhutywa ngayo.

### - Ukuphuculwa kwengeniso nokufakelwa kweemitha zamanzi

Icandelo lonakekelo lwabaxhamli e-HGDM lenza isilumkiso sofakelo lweemitha zamanzi ezihlawulelwayo. Kuqhutywa imigushuzo yezilumkiso ukuze abantu bafundiswe ngokubaluleka kwale projekthi yokufakelwa kwezi mitha ezihlawulelwayo, nokuqinisekisa ukuba abantu bayakubona ukubaluleka kwazo. Uluntu luyakhuthazwa ukuba luthabathe inxaxheba kule migushuzo yezilumkiso ngoba zinika ingxelo epheleleyo yale projekthi.

**QAPHELA:**

- **Yiba ngunogada wezakhiwo zakho zamanzi kwaye uxhase eli nyathelo lokuphucula ulawulo lwamanzi nogutyulo lwelindle.**
- **Musa ukusebenzisa amanzi ngokweqileyo.**
- **Qinisekisa ukuba uvala umpompi wamanzi xa uvasa izitya, uvasa amanzinyo, njalo-njalo.**
- **Chitha ixesha elincinane kwi-shower.**
- **Sebenzisa imitha yamanzi ehlawulelwayo ukuze ulawule indlela osebenzisa ngayo amanzi.**
- **Ququzelela abahlali kwindawo yakho ukuba nenze iprojekthi yokucoca imifula okanye §ulwandle.**

• Inombolo yonakekelo lwabaxhamli: : **086 010 3651**

• Inombolo kaWhatsapp yonakekelo lwabaxhamli: : **060 570 6193**

• EyamaPolisa: **10111**



SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT
2030 NDP
"Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule"

# ZIBE YIMPUMELELO IINGXOXO ZOKUVAVANYA EZAMANZI





**I-Ofisi kasodolophu wesiThili iHarry Gwala uceba Zamo Nxumalo, ibambe iseshoni yeWater Indaba, kwii-ofisi zebhunga kuma sipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe, e-Ixopo kutshanje. Injongo yale Indaba ibikuvisisana nabahlawuli beenkonzo zikamasipala ngemiceli mngeni ejongene neenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle, namanyathelo athatyathwa sisiThili ukuhlangabezana nayo.**

Kwezi ngxoxo zamanzi bekukhona usodolophu womasipala iGreater Kokstad, uceba Lwando Madikizela, usodolophu womasipala Umzimkhulu, uceba Jabu Msiya-Mzizi, usodolophu womasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, uceba Sindisiwe Msomi, ooceba kwisiThili, umphathi masipala wesiThili, uMnu. Gamakulu Sineke, abaphathi bakhe kunye namaqela esiThili kwiinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Bekukwakho nomphathi masipala weGreater Kokstad uMnu. Sipho Zwane.

Usodolophu Nxumalo ukhokhele le Water Indaba, kunye negqiza lakhe, kuquka usekela sodolophu uceba Nosisa Jojozi, usomlomo uceba Sibongiseni Mdunge, usotswebhu uceba Noluthando Mhatu, nosihlalo wekomiti yeenkonzo zamanzi, uceba Simphiwe Bekwa. Esenza ithetho yakhe, usodolophu Nxumalo uthe, ooceba kufuneka baphucuke xa besombulula iingxaki zokuhanjiswa kweenkonzo koomasipala. “Kufuneka siphucuke singooceba xa sisombula iingxaki zokuhanjiswa kweenkonzo, ngakumbi iinkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kwisiThili.

Abantu balindele lukhulu kooceba, kufanele sikwazi ukuza nezisombululo ezibonakalayo kwiingxaki abahlali abahlangabezana nazo,” utshilo uNxumalo. Usodolophu Nxumalo ugxininise ukubaluleka kokuqinisekisa ukuba iingxaki zamanzi ziyathethwa noluntu ngaphambi kokuba kufike izikhalazo ezisuka kuluntu. “Singooceba besiThili, kufanele sibe ngabokuqala bokugqithisa ulwazi xa kukho iingxaki zamanzi, zizakuthatha ixesha elingakanani kwaye seziphi isisombululo,” utshilo usodolophu Nxumalo. IsiThili sinike ingxelo yeenkqubo zonke zeenkonzo zamanzi kunye nemithombo yamanzi, ezizakuncedisa ukukhawulezisa ukuhlinzeka ngamanzi kuluntu.

Kule Indaba, ooceba babuze imibuzo kwaye bekwaveza nezisombululo ezingenziwa ukuze kusonjululwe iingxaki zamanzi kwiiwadi zabo. Abahlawuli beenkonzo zamanzi bazivuyele ezingxoxo, nalapho bekuthethwa ngemiba yamanzi ngokupheleleyo.

Usodolophu wenze umbulelo kubahlawuli beenkonzo zika masipala ebebeyinxalenye yezingxoxo.











SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT

2030 NDP

*“Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule”*

# Ayaqhuba amacebo okufumana izisombululo zanaphakade zamanzi

## Kubekelwe bucala izigidi ezingamaR241 kulo nyaka mali ukuqubisana nemiceli mngeni enokuthi ivele, kwanokugqiba amaziko amanzi amakhulu.



**Umphathi kwiCandelo lezaManzi:**
UMnu Lindumusa Gwala

**Ayaqhuba amacebo okufumana izisombululo zanaphakade zemiceli mngeni yamanzi emana ukuvela kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, nanjengoko kubekelwe bucala izigidi ezingamaR241 ukuhlangabezana nayo. Ingxenye yale mali izakuncedisa kwiiprojekthi zamanzi esele zizakugqitywa. Oku kuvele emva kwengxoxo nomphathi omkhulu weenkonzo zamanzi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, uMnu. Lindumusa Gwala, kunye negqiza lezonxibelelwano kulo masipala, likhokhelwa ngumphathi walo uMnu. Ndabezitha Tenza.**

Injongo ibikukuveza imiba ebalulekileyo, amacebo okufinyelela **kuxanduva** lwethu: "amanzi **acocekileyo** kumntu wonke" kutsho ukuthi, ukuhanjiswa kweenkonzo kubaxhamli.

Ethetha noshicilelelo lwaseHarry Gwala, uMnu. Gwala uveze ukuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala ngumasipala wasezilalini, kwaye uxhomekeke kakhulu kwinkxaso mali.
Uthe, oku kwenzeka ngenxa yengeniso embi edalwa yintswela ngqesho, okudala ukuba abantu balapha bangakwazi ukuhlawula iinkonzo zikamasipala njengabo abahlala ezidolophini.

Uqhube wathi, kukhona amaziko amanzi kunye namatanki ezokhiwayo nezizakuhlinzeka abantu beelali ngamanzi, nalapho kuchithwa khona izigidi kodwa kungekho ngeniso ngakumasipala, kube kukhona abasebenzi abaqashelwe ukujongana nokucocwa kwamanzi, abadinga ukuhlawulwa ngokugcina nokulungisa izakhiwo zamanzi.

UMnu. Gwala ukwathe, sesinye sezizathu ezenza ukuba batyale imali kwizinto ezizakungenisa imali kumasipala, kodwa bazakuqhubeka ngoxanduva lwabo lokuqinisekisa ukuhlinzeka ngamanzi acocekileyo ezilalini.

"Inkxaso mali yezakhiwo zikamasipala (MIG) yalo nyaka zizigidi ezingamaR241, kodwa sele sifumene izigidi ezingamaR230," utshilo. Uveze ukuba kukhona enye inkxaso mali elikhulu lezigidi



(R100m) ebizwa ngoba yi-WSIG (Inkxaso mali yezakhiwo zamanzi). Le yinkxaso mali ejongene nemiceli mngeni yethutyana kuhanjiso lwamanzi, neyinkxaso yokuncedisa abantu abadingayo kunye neengxaki ezingxamisekileyo ezifana nemithombo etsala amanzi ngaphantsi komhlaba, ukuze abantu bafumane amanzi.

**Iiprojekthi ezicetyiweyo ze-MIG ezikhankanywe nguMnu. Gwala zalo nyaka mali zime ngolu hlobo:-**

Umzimkhulu Sewers, uMnqumeni Water Supply Scheme, Mabona Water Supply Scheme, Greater Summerfield, Highflats Water Supply Scheme, Ncakubana Water Supply Scheme, Greater MaNdlovu Water Supply Scheme, KwaMay Water Supply Scheme, Khukhulela Water Supply Scheme, Mdakeni Hopewell Stanger, Don-dush, Santombe Village Sewer, Blome Village, Ibisi Housing Sewer Project kunye neMathathane. Kukwaqhutywa iprojekthi yogutyulo lwelindle eHorseshoe.

Kwakule nkxaso mali elikhulu lezigidi, kuzakwenziwa iMkhohlwa Mdayeni Water Supply Scheme, exabisa izigidi ezingamaR16.9, iMachunwini Water Supply Scheme exabisa izigidi ezingamaR15.7, ukuphuculwa kwezakhiwo eBhongweni okuxabisa izigidi ezingamaR35, naseShayamoya ngezigidi ezingamaR30. UMnu. Gwala ukwaveze ukuba, kubekelwe bucala izigidi ezingamaR54 zenkxaso mali zangaphakathi, ngelixa uCoGTA epasise icebo le-MIG elizizigidi ezingamaR60.

## IMICELI MNGENI

UMnu. Gwala uveze ukuba eminye imiceli mngeni ejamelene nomasipala iquka ukunqongophala kwezithuthi, nanjengoko ezinye zindala kwaye zidinga ukulungiswa ngalo lonke ixesha. Ukwathe, eminye imiceli mngeni iquka ukuxhuma okungekho mthethweni, ukonakaliswa kunye nobusela.
"Asiyekanga ukubamba iinkqubo zezilumkiso kuluntu zokulondoloza iiprojekthi kunye nezakhiwo zikamasipala, kwanoku xela abo abonakalisayo nokweba," utshilo uMnu. Gwala.

Uthe, umasipala unazo iinqwelo kwicandelo lakhe, eziquka iibakkie ezingama35, izigadla zamanzi ezilishumi nesine, izigadla zelindle ezintandathu kunye nee-TLB ezintathu. Uthe banqwenela ukuthenga enye i-TLB ezakuba koomasipala bobane basekuhlaleni kuMasipala wesiThili iHarry Gwala.

Uthe, amanzi angcolileyo aphuma koompompi ngamanye amaxesha kudalwa lunakekelo, nekufanele lwenziwe rhoqo kwizakhiwo ezindala. "Sele sigqithise icebo lomsebenzi kuCoGTA mayelana nalo mba ukuze sifumane inkxaso mali ezakujongana nokulungiswa kwezakhiwo ezindala," utshilo.
Ukwathe omnye umceli mngeni uquka amanzi angahlawulelwayo.

## UKUFAKELWA KWEEMITHA EZIHLAWULELWAYO

Inkqubo yokufakelwa kweemitha ihambisana nomceli mngeni okhankanyiweyo wengeniso embi, nanjengoko uMasipala wesiThili iHarry Gwala engumasipala wasezilalini othwaxwa yintswela ngqesho, ngelixa umasipala echitha izigidi ezingaphaya kwamaR300 kwiiprojekthi zamanzi ezilalini, ezingena ngeniso. Umasipala ulandela umbono womphathi wezimali, uKhulani Mthembeni Brain Mzimela, othi mabatyale apho bezakuvuna khona.



Siso isizathu sokuba uMasipala wesiThili iHarry Gwala ukhethe ukusebenzisa inkqubo yeemitha ezihlawulelwayo, ezakunqanda okanye inciphise amanzi angahlawulelwayo kunye neminye imiceli mngeni.

UMnu. Gwala uveze ukuba icebo labo lesiThili sonke kukufakela iimitha ezihlawulelwayo kumakhaya angama20 222. "Kodwa, eKokstad iyodwa, kulindeleke ukuba sifakele iimitha ezingama13 700, kodwa kukhona iimitha ezingama2 000 esele zifakelwe," utshilo uMnu. Gwala.

Uthe, le nkqubo isaqaliswa kwaye bagxile kwiindawo zasedolophini okwangoku, apho abantu bekwazi ukuhlawulela iinkonzo zabo. "Oku kwenziwa ukukhulisa ingeniso yethu," utshilo.

UMnu. Gwala ucebise abo abanemiceli mngeni yamanzi kwiindawo zabo ukuba bazise ooceba bewadi.

# IHarry Gwala iqhubeka nokuqinisekisa ukuhlinzeka ngamanzi kwisiThili sonke

**Iiprojekthi ezinkulu zamanzi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala ziya ekupheleni, nanjengoko ezininzi zihleli ku95% wokugqitywa, okwenza ukuba ukuhlinzeka ngamanzi kukamasipala kwisiThili sonke kusuke ku55% kuyotsho ku65%.**

Oku yingxelo esuka kumphathi omkhulu weenkonzo zezakhiwo kumasipala, uMnu. Nkululeko Biyase, oveze ukuba umasipala sele ezilungisile iingxaki nemiceli mngeni evele ngexesha lolwakhiwo lwezi projekthi.

Ezi projekthi ziquka iMnqumeni Project, ekwisigaba sokulungisa ukutsalwa kwamanzi kunye nokuphuculwa kweziko lokucoca amanzi.

Le projekthi ikwisigaba apho abasebenzi sele befundiswe izifundo zokucoca amanzi.

Le projekthi izakujongana nokunqongophala kwamanzi kwiilali ezilishumi nane, nalapho sele kuvuselelwe izakhiwo zamanzi.

Iprojekthi yogutyulo lwelindle e-Ibisi iku95% wokugqitywa, kwaye kulindeleke ukuba kuxhunywe onke amakhaya ukuze abe nezindlu zangasese ezigungxulwayo.

**UMphathi oMkhulu weeNkonzo zeZakhiwo kuMasipala:** UMnu Nkululeko Biyase (owesithathu mowsuka ngakwesokunxele)



Iprojekthi yaKwaMeyi yona, ibinomceli mngeni woonokhontilakhi abangakwazanga ukugqiba umsebenzi, apho kuye kwafuneka batshintshwe, sele izakugqitywa kwaye kulindeleke ukuba igqitywe kwEyeDwarha 2024.

UMnu. Biyase uveze ukuba, le projekthi inemiceli mngeni yayo yamandulo, ekhokhelele ekugqabhukeni kwemibhobho ngexesha lokuxhuma.

I-Greater Summerfield, yenye iprojekthi ekulindeleke ukuba igqitywe kungekudala, ngenyanga YoMsintsi. "Okwangoku sisebenza ngokutsalwa kwamanzi, ukonyiswa kodonga nendawo yokugcina amanzi," kutsho uMnu. Biyase.

Ukwathe, iFairview Project sele igqityiwe, emva kokuhlangabezana neengxaki zogutyulo.

Uthe, ngaphantsi koMasipala Umzimkhulu, kukhona iiprojekthi ezimbini zogutyulo, eziquka,
ukufakelwa kwemibhobho yogutyulo, iziko lokhuphehla nokonyuswa kodonga. "Ukugqitywa
kwale projekthi, ukuchitheka kwelindle sizakuva ngembali eMzimkhulu," utshilo.

Kwiprojekthi yaseHorseshoe, isiThili sele sixhume izindlu zangasese ezigungxulwayo kumakhaya angama634. "Le projekthi sele iqhube iminyaka engaphaya kweshumi kwaye amanye amakhaya awakaxhunywa," utshilo uMnu. Biyase.

# URHULUMENTE WEPHONDO LE-KZN UTHABATHA AMANYATHELO ENTENGISO YEMVELISO YOBOYA, NEBALULEKE KAKHULU KUQOQOSHO LWASEZILALINI

**Nkulumbuso yaKwaZulu-Natal uThami Ntuli, usingathe inkqubo yophuhliso loboya, ukunikezela ngeegusha (iiram), kunye nezakhiwo zamafama kumafama emfuyo kuMasipala wasekuhlaleni Umzimkhulu, ongapantsi koMasipala wesiThili iHarry Gwala.**









I-Nkulumbuso ibiphelekwe nguMphathiswa wezolimo nophuhliso lwasemakhaya, uThembeni KaMadlopha-Mthethwa, iinkokheli zasekuhlaleni, kuquka usodolophu waseMzimkhulu uJabu Msiya-Mzizi, usomlomo wesiThili iHarry Gwala, uceba Sibongiseni Mdunge kunye neenkokheli zomthonyama.

Urhulumente wephondo iKwaZulu-Natal utyelele le ndawo njengenxalenye yokuphuhlisa abavelisi boboya kwiphondo, ngokubanika uhlobo lweegusha zoboya iDone Merino.
I-Nkulumbuso kunye noMphathiswa, banikezele ngeegusha kumaqela alishumi nane kwisiThili. Amanye ala maqela ongezelelwe ngezakhiwo zokuchebela zaze zabiywa.

Umphathiswa KaMdlopha-Mthethwa ugxininise ukuba uphuhliso lwezoqoqosho sesona sixhobo sokunciphisa indlala. Kungoko urhulumente ezimisele ukuqinisa iinzame zophuhliso lwezoqoqosho ezilalini ngokunika amafama inkxaso.

"Uxanduva lwethu olukhulu kukuphelisa indlala ngokulwa intswela ngqesho nokungalingani. Kungoko le nkqubo izakuphuhlisa amafama ethu ngaxeshanye ikhulise uqoqosho ezilalini," kutsho umphathiswa Mdlopha-Mthethwa.
Inkulumbuso kunye nomphathiswa baqale usuku ngokutyelela itanki elitsha lediphu eNgudwini, nelidale amathuba emisebenzi.

Usomlomo uMdunge, esenza intetho yakhe kulo msitho, uncome olu ncedo olubalulekileyo lorhulumente wephondo, uthe, isiThili sizama ngandlela zonke ukusebenzisana namafama ekuhlaleni kwaye libanceda ngenkxaso. Ubongoze iNkulumbuso nomphathiswa ukuba baqinisekise ukuba banikezela ngezakhiwo noncedo oludingekayo ukuphuhlisa amafama.

# Kubhiyozelwe i-NELSON MANDELA DAY kwisiThili iHarry Gwala





**Kumbhiyozo weMandela Day, usodolophu wesiThili iHarry Gwala, uceba Zamo Nxumalo, kunye nosodolophu womasipala wasekuhlaleni Ubuhlebezwe, uceba E. B. Ngubo, bachithe usuku kwisibhedlele iChrist The King e-Ixopo. Bekukhona nabaphathi boomasipala nabasebenzi, abeenkonzo zesipolisa (SAPS), abeenkonzo zoluleko, abasebenzi besibhedlele kunye noluntu.**

Kolu tyelelo oosodolophu bacoce baze bapeyinta ezinye iindawo zesibhedlele, batyelela kwigumbi labadlezana ukuyodibana noomama kunye neentsana ezigqiba kuzalwa, nalapho benikezele ngeempahla ezintsha zamasana. Le, bekuyinxalenye yokubhiyozela iMandela Day, ebhiyozelwa umhlaba wonke rhoqo ngonyaka ngomhla we18 kwEyeKhala, ukuhlonipha ubomi bukaNelson Mandela.

Usodolophu Nxumalo uthe, kubalulekile ukuhlonipha uMandela ngokusebenza nabantu. "Silapha ukuzokhumbula konke okuhle okwenziwa nguMandela, sigqibe kwelokuba siphume kwii-ofisi kolu suku, sibe lapha esibhedlele, sicoce sipeyinte ukuze izigulane nazo zibone ukuba sizihoyile. Sifuna ukukhuthaza nabanye abantu ukuba bathabathe imizuzu engama67 ngosuku bayokwenzela uluntu lwabo okuhle. Sifuna ukwenza oku rhoqo ngonyaka," kutsho uNxumalo.

Olu suku bekulikhwelo kumntu ngamnye, amaqela kunye noluntu ukuthabatha ixesha bakhumbule iimfundiso zikaMandela, imithetho yakhe, nokwenza okuhle kuluntu lwabo. UNxumalo ukhuthaze uluntu lwaseHarry Gwala ukuba luqinisekise ukuba luyaliphawula eli xesha kwaye lwenze okuhle, nokuba bacoca amakhaya abantu abadala kwiindawo zabo, babenzele neminye imisebenzi.

















# Umsitho Wombhiyozo wamaNina

**UMasipala wesiThili iHarry Gwala, ngokubambisana namanye amasebe karhulumente kunye nabahlawuli beenkonzo zikamasipala, babambe inkqubo yemibhiyozo yenyanga yamanina eBulwer Community Hall, ngaphantsi koMasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma.**

Umxhelo wale nkqubo bekuzezoshishino. Amanina anikwe ulwazi ngokuqala ishishini, intengiso yeshishini kunye neemveliso zabo. Baye banikwa ithuba lokuthengisa iimveliso zabo kwimakethe, njenge nxalenye yalo msitho. Amanina asuka kwindawo ezohlukeneyo aye adibana ukubhiyoza nokuphuhlisana, nanjengoko le nyanga YeThupha kuyinyanga yawo.



# Uceba Uyakuthanda Ukuhambisa Iinkonzo

**UZimbili Precious Dlamini, uqale ukuba nguceba e-HGDM kwEyeNkanga 2021. Ngomhla wesibhozo kwEyoMnga 2021 wonyulwa njengo sihlalo kwiingxoxo zamanina, neyaziwa nge komishoni yamanina.**

Ungene kwi-African National Congress (ANC) ngonyaka ka1996. Ngo 2005 ungene kwi-ANCYL, kumalungiselelo okuqala iqela lolutsha lalo mbutho kwingingqi. Ngo 2005 wakhethwa njengo nobhala we-ANCYL kwisebe laseCentocow, kwinginqi i-Ingwe. Ngo 2006 wachongwa njengo sihlalo weANCYL kwi-Ingwe sub-region. Kwintlanganiso yesibini yengingqi ngo 2006, ebibanjelwe eSani Pass Hotel, wachongwa njengelungu elongezelelweyo le-ANCYL. Ngo 2008 walilungu elongezelelweyo le-REC ANCYL. Ngo 2014 wachongwa njengo sekela sihlalo wesebe iMandlakayise Dlamini, ngo 2015 wangu nobhala, ngo 2017 wangu sihlalo kwakule Mandlakayise Dlamini. Ngo 2019 uchongwe njengo sekela nobhala wengingqi iDr. NDZ. Ngonyaka wama 2021 wangu sekela nobhala. Ngexesha lokhetho ebeyi-VCM (Volunteer Community Mobilizer) eDr. NDZ sub-region ngo 2019, 20 nakukhetho luka 2024.

Ebesaku sebenza, kwaye usasebenza eFamily Literacy Project, njengomxhumanisi. Uqale ukusebenza emva kokuphumelela ibanga leshumi.

I Family Literacy Project, yiprojekthi efundisa abantwana nabantu abadala ukufunda. Bancedisa abantwana ngaphambi kokuba baqalise isikolo, njengokunika abazali noogogo amava okulungisa umntwana ngaphambi kokuba aye esikolweni (umntwana siqala ukumfundisa esesesiswini) nangexesha labo lokufunda.

Ngoku ungumxhumanisi, kodwa uqale engumsunguli, apho beqale ukuqeqesha abantu abadala ukufunda, nokuncedisa abantwana babo. Xa inkqubo isiya ngokukhula, uZimbili uye wangu



**UCeba, UNks Zimbili Precious Dlamini**

ngumqeqeshi ngaphakathi nangaphandle kweprojekthi, ngo2014/15, wangumqeqeshi e-EDC, ngokubambisana neFamily Literacy Project kunye nesebe lemisebenzi yoluntu, phantsi kwenkqubo i-CWP, nalapho esebenze nomasipala iDr. NDZ kunye nomasipala uBuhlebezwe, eqeqesha abaxhamli be-CWP, kumaziko e-ECD, abangamanina.

Kwi-Family Literacy Project, ngo2020/2021, ebengumqeqeshi ngaphakathi nangaphandle kombutho, apho bekusenziwa i-CLASSROOM LIBRARY, apho bekuqeqeshwa nokwakha amathala eencwadi kumagumbi okufundela, kumasipala iDr. NDZ kwiiwadi ezine (4, 5, 6 & 8), kwizikolo zamabanga aphantsi ezingamashumi amabini, kumasipala uBuhlebezwe kwizikolo ezine (Mazongo, Matulela neSkeyi Primary School). Oku bakwenze ngokubambisana neWits University. Uphuhliso luthando lwakhe. Ngoku ungumxhumanisi e-Isibani Sezwe Creche Association, nalapho exhasa abanikazi bezikolo zoonomnqushwana ukusungula izikolo, ukubafundisa, nokubancedisa ukufumana inkxaso mali,

ngokuxhumana nabahlawuli beenkonzo zikamasipala, amasebe karhulumente kunye nakubaxhasi kumhlaba wonke.

Uthando lokusebenza nabantu yinto azalwe nayo, nanjengoko ezalwa ngabazali abaphuma kumakhaya anemvelaphi yobunkokheli. Kuthe xa ekwisikolo samabanga aphezulu, wazibandakanya namaqela amanina ekuhlaleni. Wazibandakanya ne Women's Leadership and Training Project kunye neCentocow Leadership Training Group, apho bebefundiswa ukuba ziinkokheli zabasetyhini, kulapho eye wazibandakanya kwezopolitiko.

Nanjengoko engusihlalo wekomishoni yamanina, unqwenela ukuziphuhlisa njengenkokheli kumasipala, ukuphuhlisa amanina kwisiThili ukuba abe ziinkokheli kwezoshishino, nakwezinye iindawo zamanina eluntwini. Okokugqibela ufuna ukukhuthaza amanina ukuba akhangele, kwaye anikane iindlela zokuphuhlisana, nakwabanye, ukudala amaqonga akhuselekileyo kwimiceli mngeni, ngakumbi emisebenzini.

UZimbili uzakutshata, ungumama wamakhwenkwe amahle amabini, ungumntu onothando kwaye uyakuthanda ukusebenza nabantu.

# i-HGDM Yongeza Amandla Ngokuqasha Kwicandelo Lezezimali

**UMasipala wesiThili iHarry Gwala uqashe uNkszn. Silindile Mkhize-Zitha njenge Deputy Chief Accounting Officer.**

Uyi Chartered Accountant esemthethweni, uqale phantsi eyi-Accounting Clerk kwinkonzo yesipolisa yeloMzantsi Afrika, waze wayoxelenga eHarmony Gold Mine njenge Senior Creditors Clerk. UMkhize-Zitha wenze uqoqosho e-Auditor General of South Afrika, emva koko wasebenza iminyaka emine ngaphezulu, emva kokushiya i-AGSA. Emva koko usebenze e-KZN Provincial Treasury njengomncedisi womphathi kwicandelo iMunicipal Accounting and Reporting.

Eminye yeminqweno yakhe ngexesha lokusebenza kwakhe, uMkhize-Zitha uthe, unqwenela ukuba ukuqashwa kwakhe kudlale indima ebalulekileyo ukuncedisa umasipala ukufumana ulawulo olucocekileyo kwaye aphucule ukusebenza kolawulo lwezimali.

"Ukuqinisa nokuqinisekisa ukuba ndiyinxalenye yeqela lolwawulo lwezimali,



**Isekela eliyiNtloko kwiCandelo lezeZimali :**
uNkszn Slindile Mkhize -Zitha

ngokusebenzisa izakhono zam, ukwenza uqeqesho nokuncedisa uMasipala wesiThili iHarry Gwala ukuphucula izinga lengxelo yezimali, nokufumana ingxelo engenachaphaza kuphichotho," utshilo uMkhize-Zitha.

# Nanku uMphathi Omkhulu wemiSebenzi noNakekelo lweeNkonzo zaManzi

**Uutshanje uMasipala wesiThili iHarry Gwala uqashe uMamakhoa Ntamane njengomphathi omkhulu wemisebenzi nonakekelo lweenkonzo zamanzi.**

UNtamane uphumelele iDiploma kwiCivil Engineering kwiziko lemfundo elalifudula kuyiMangosuthu Technikon. UNtamane waphumelela neB-Tech kwiCivil Engineering eDurban University of Technology, kunye nePost Grad Diploma in Project Management e-MANCOSA.

Ngaphezu koko, uNtamane une-National Certificate kwi-Water and Wastewater Treatment.

UNtamane uyingcaphephe ngakumbi kunakekelo lwamanzi kunye nakwi zisombululo zeengxaki kwimiba yezamanzi. Uyalihlonipha ixesha lokwenza umsebenzi wakhe wonakekelo nokulungiswa kwezamanzi, unaso nesakhono zokugcina izibhalo zawo wonke umsebenzi wakhe ngobuchule.

"Ndingumntu okhutheleyo kwaye ndinomdla wokwenza yonke into ngempumelelo. Ndiqaphela izidingo ezibhaliweyo nemiqathango ukuze ndigqibe ngethuba umsebenzi, kwaye ndenze umsebenzi osezingeni elifunekayo weenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle. Ndiyincutshe, ndinamava, kwimiba yokusebenza nonakekelo ukuze kuhambisane nohlahlo mali, kwaye ndimhle kwisakhono sokusombulula iingxaki," kutsho uNtamane.

UNtamane uzimisele ngeenkonzo, kwaye uneminyaka engaphaya kwemithathu esebenza kwisikhundla solawulo ngaphantsi kweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle.
UNtamane ukwaneminyaka elishumi esebenza njengomphathi wengingqi kwicandelo lonakekelo



**UMphathi Omkhulu weMisebenzi noNakekelo lweeNkonzo zaManzi:**
UNks Mamakhooa Ntamane

lweenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle, kunye neminyaka esibhozo esebenza njenge ngcaphephe kwiindawo ezohlukeneyo kwiinkonzo zamanzi.

Uxanduva lomsebenzi kaNtamane liquka, ukugada imisebenzi nonakelelo lwezakhiwo zonke zamanzi nogutyulo.

"Ndilawula ulondolozo lwamanzi kunye nophuhliso olutsha kumasipala wonke. Eminye imisebenzi endiyenzayo kwesi sikhundla iquka, inkqubo yokufakelwa kweemitha, iimitha zasemakhaya kunye neemitha kwiindawo ezinkulu" utshilo uNtamane.

UNtamane ebefudula esebenza njengomlawuli weenkonzo zamanzi nogutyulo lwelindle kumasipala wasekuhlaleni iSteve Tshwete.



SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT
2030 NDP
*"Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule"*




UNks Ntombifuthi Mkhize:
**Umqhubi wesigadla**



# Umqhubi Wesigadla E-HGDM Uyawonwabela Umsebenzi Wakhe

**Exesheni elininzi xa kuthethwa ngomqhubi wesigadla, kuqhelekile ukuba umntu alindele ukubona indoda ngaphaya kwevili lokuqhuba, kodwa kuMasipala wesiThili iHarry Gwala akukho njalo, nanjengoko umqhubi wesigadla kungowasetyhini.**

Ezi ziinzame zokuqinisekisa ukukhuthaza ukulingana, ukuze kuphele into yokuba eminye imisebenzi yeyamadoda kuphela.

UNtombifuthi Mkhize (56), ngomnye umqhubi wesigadla kuMasipala wesiThili iHarry Gwala ongenantloni ngomsebenzi wakhe, kodwa uyawonwabela.

Oku kungqinwa kukuba ebeziqhubela esi sigadla ngaphandle kokuhlawulelwa oko iminyaka emininzi, kwade kwavela isithuba somqhubi wayo nalapho eye wawufumana.
UMkhize usebenza kwisebe lezogutyulo lwelindle kulo masipala.

Njengo makhulu wabazukulwana abathandathu, ukholelwa ukuba indlela yakhe eya empumelelweni sisifundo kuwo wonke umntu ukuba, ekunyamezeleni kukhona umvuzo, nokuthi abantu mabafunde ukulwa nemiceli mngeni ngokuzimisela.
"Izinto azihambi ngendlela yakho ngalo lonke ixesha, kwaye ubomi bukufundisa izinto ezahlukeneyo ezidinga amandla nokunyamezela," utshilo uMkhize.

Uveze ukuba uqale ukusebenza njengomncedisi jikelele, emva koko waba ngumqhubi wesigadla, kwaye usebenze iminyaka elishumi nane. UMkhize uthe, nanjengoko lo msebenzi bekuthiwa ngowamadoda, kodwa yena ungowasetyhini, abanye abantu bebemjamela xa eqhuba ingathi akaqhubi kakuhle.

Ngaphandle koko, uphuma kwikhaya labaqhubi nanjengoko ubhuti wakhe engumqhubi webhasi, utata wakhe, nongumkhuthazi wakhe, naye wayengu mqhubi wesigadla.
Ukuqala kwakhe njengomncedisi jikelele, ebene mphepha-mvume uC1 (Code 10), waze wafumana uCode EB (Code 14), emvumela ukuba aqhube isigadla.

Ngaphambi kokuba aqeshwe njengomqhubi wesigadla, ebeziqhubela esi sigadla ngaphandle kwentlawulo, encedisa oogxa bakhe. Uthe oku kumncedile ukuze afumane amava. Ukusebenza noluntu, utsho, kudingeka ukuba umntu abe nomonde kwaye azimisele emsebenzini wakhe.

"Ngamanye amaxesha abantu bakrwada, xa ubazisele amanzi babuza ukuba kutheni ungafikanga ngexesha. Banemibuzo emininzi. Kufuneka umntu onomonde nothanda umsebenzi wakhe noluntu alusebenzelayo. Ndiyawuthanda umsebenzi wam kwaye ndiyazingca ngokuba ngumqhubi wasetyhini. Ndenza umsebenzi wam ngothando, kwaye ndisebenzela uluntu lwam ngothando," utshilo uNkzn. Mkhize.


SEND ME
TO BUILD THE MZANSI I WANT
2030 NDP

# Ukusebenza Ngokuzinikela ngu-Ndoqo Wempumelelo

**Uqale efunda iimitha ngesivumelwano seenyanga ezintandathu, waze waqashwa ngokupheleleyo ngamava okwenza umsebenzi. Oku kubonakalisa ukuba ekunyamezeleni nokuzinikela emsebenzini wakho, ukhona umvuzo.**

Olu, luhambo lukaNontuthuzelo Majikijela, oneminyaka engama60, owazalelwa kwilali iNxotshana eMount Fletcher. Uthi, ubulela uMasipala wesiThili iHarry Gwala, ngokuqinisekisa ukuba ufezekisa amaphupho akhe, noba sele emdala.

"Ndifike eKokstad, apho ndifumanise khona ngomasipala wesiThili (obusakubizwa ngeSisonke District Municipality). Ndaqashwa khona njengomfundi weemitha kwinyanga YoKwindla 2006, ngesivumelwano seenyanga ezintandathu, ungalibali ke ukuba eyona mfundo yam ephezulu kwakulibanga leshumi, nesiqinisekiso seBasic Computer," kutsho uNontuthuzelo ebalisa ngohambo lwakhe.

"Ndandisebenza ngokuzimisela, ndandenza kakuhle emsebenzini wam, kwavuselelwa isivumelwano sam noogxa bam ngezinye iinyanga ezintandathu. Siqhubekile sasebenza ngokuzimisela sifunda iimitha, saze sacela ukufundiswa ukufaka amanani eemitha esizifundayo kwi-computer. Ngenxa yokuzimisela kwethu emsebenzini wethu, isiThili sibone kufanelekile ukuba sincedise ukuze siqhubeke nezifundo zethu, ngenene saqhubeka nezifundo zethu," kuqhubeka uNontuthuzelo.

"Ndiqhubekile nezifundo zam ne-UNISA apho bendifunda iPublic Management. Ndiye ndaphumelela ndathwala isidanga, ndaze ndathatha inxaxheba kiinkqubo ezininzi zoqeqesho. Ekuhambeni kwexesha ndiye ndafaka izicelo zemisebenzi, ngeemfefe zoMdali, ndaqashwa kwalapha kwisiThili njenge Admin Assistant SCM Demand, apho ndisasebenza khona nangoku," kutsho uNontuthuzelo.

Ukungqinile ukuba lube luhle uhambo lwakhe noMasipala wesiThili iHarry Gwala. Uqhuba athi, ufunde lukhulu kwaye wenza umbulelo kwisiThili, ngokuthi: "Ndiyavuya kakhulu ngethuba endilinikiweyo."




**Isekela Mphathi kwa-SCM:**
UNks Nontuthuzela Majikijela

> **Ndandisebenza ngokuzimisela, ndandenza kakuhle emsebenzini wam, kwavuselelwa isivumelwano sam noogxa bam ngezinye iinyanga ezintandathu. Siqhubekile sasebenza ngokuzimisela sifunda iimitha, saze sacela ukufundiswa ukufaka amanani eemitha esizifundayo kwi-computer.**

# Nanku Unomphathi we-EPWP

**Uzanele bavu, owaqala ukusebenza kumasipala wasekuhlaleni iGreater Kokstad njengo mqeqeshwa, ngaphantsi kwecandelo leenkonzo zoluntu, ngaphambi kokuba ase-benze kwi-Impande Consulting Engineers, nalapho ebesebenza njengomcebisi we-EPWP kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, utyunjwe njengomphathi we-EPWP nguMasipala wesiThili kutshanje.**

UBavu wazalwa wakhulela kwilali iCala eMpuma Koloni, waphumelela ibanga lakhe leshumi eHillside High School eGqeberha (eyayisaziwa ngeBhayi). Unesidanga kwiBachelor of Administration; Human Resources, kwaye ngoku ufundela iBCom Honour's Industrial Relations.

**Ukusukela ukuqala kwakhe e-HGDM kwEyoKwindla 2018 njengomcebisi we-EPWP, uBavu wenze okulandelayo:**

- Uphume isibini kwiphondo ku-EPWP emva kokuqalisa kwisiThili.
- Uqeshe abantu abangaphaya kwe1 000 esebenzisa inkxaso ye-EPWP (MIG) kunye neWSIG ngo2019.
- Uzise, kwaye usaqhubeka nokuzisa utshintsho kwiimpilo zabantu.
- Udale izakhono zolwakhiwo kwisiThili.
- Ngo 2023 iCogta ityumbe isiThili njengesona esiphuma phambili kusungulo lweeprojekthi kwiphondo

Eveza iinjongo zakhe kulo masipala, uBavu uthe: "Ndinqwenela ukuzisa utshintsho kusungulo lweeprojekthi oluphucukileyo ukutsala ulutsha. Ndixhase ukusungulwa kwendlela zokuphuma zabaxhamli be-EPWP, ukuqala iiSMME kwanokudala imisebenzi esisigxina ngophuhliso lwezakhono, okanye ndibaqashise kwamasipala."

"Umyalezo wam kwabasetyhini abenza lo msebenzi, kukuthi mabazimisele kwaye babe



UNks Zanele Bavu:
**Umdidiyeli wakwa-EPWP**

nesineke emsebenzini wabo. Lo ngumsebenzi ofuna ukwazi ukusebenza nabantu, ngakumbi ezilalini, apho kukhona abantu abangafundanga, ekudingeka ukuba ubacacisele ngeyona ndlela elula.

Bagxile kubasebenzi beeprojekthi emisebenzini yabo, kwaye kulo msebenzi kulindeleke ukuba ube neendlela eziphucukileyo zokwenza umsebenzi wakho ukuze uphumelele," utshilo uBavu.

> *"Umyalezo wam kwabasetyhini abenza lo msebenzi, kukuthi mabazimisele kwaye babe nesineke emsebenzini wabo."*

# Umboniso wooNgqondo-Ngqondo Abancinane

**Uuqhutywe umboniso woongqondo-ngqondo abancinane, uxhaswa ngu-Eskom, eLittle Flower Secondary School. Oongqondongqondo abasakhula bebedibene eLittle Flower Secondary School, apho bekuqhutywa khona umboniso oxhaswe ngu-Eskom, nalapho bebebonisa ngeemveliso kwizifundo zabo abazithandayo.**









Eli thuba belilihle kubafundi ukuqeqesha iingqondo zabo ngokucinga benze izinto abazithandayo. Bekukuhle nokuwonga aba ngqondo-ngqondo ngethuba beveza imiboniso yeengcinga zabo. Aba bafundi benze imiboniso eyohlukeneyo kwezi zigaba: Ezolimo, ezemfuyo, ezobugqirha, ikhemistri, ubunjineli kunye nezifundo zokusingqongileyo. Kamva, usomlomo woMasipala wesiThili iHarry Gwala uceba Mdunge uye wangenelela kule nkqubo. Uthe, umele isiThili egameni lohlinipheki-leyo usodolophu, uceba Z. D. Nxumalo. Uceba Mdunge uncome nokukhuthaza abafundi ngomsebenzi wabo omhle, wathi, "Ndiyazingca ngani, nabo abasuka ezilalini ezisweleyo, nibonisile ukuba nilulutsha oluzimiseleyo. Kule nyanga sibhiyozela amanina, njengamantombazana amancinane, ndithi kuni "iincwadi ngaphambi kwamakhwenkwe." Jongani izifundo zenu nisenze sizingce ngani.

Kumakhwenkwe, ndakhe ndeva umthengisi weziyobisi esithi abathengi babo abakhulu basezikolweni, bathi bafumana imali eninzi ngokuthengisela abantwana besikolo iziyobisi, ndadana ndakuva ezi ndaba, ngoba kucacile ukuba nina nonke nisengozini xa nifumana izinto ezinjalo."

Usomlomo uqhubeke wathi, iziyobisi ziyingozi kwaye ziyalimosha ikamva lolutsha ezikolweni nasemakhaya. "Kodwa ndiyazingca ngani, ndininqwenelela konke okuhle, khumbulani: 'iincwadi ngaphambi kwamakhwenkwe,'" utshilo uMnu. Mdunge. Omnye woogqirha bamazinyo abaphumeleleyo ekuhlaleni, uNkskz. Nkanyezi Baai (26), ebeyinxalenye yeli theko.

NdinguNkanyezi Baai, ndineminyaka engama26. Ndifunde izifundo zokuba ngugqirha wamazinyo kwaye ndineendawo ezimbini zokusebenzela. Isizathu sokuba ndinixelele iminyaka yam, kukunibonisa ukuba ungaphumelela usemncinane, kodwa kufuneka uzimisele kwaye ulihloniphe ikamva lakho, ungazenza iimpazamo kodwa ufunde lukhulu ngomso," kutsho uNkskz. Baai.

UMasipala wesiThili iHarry Gwala ubonga ngokungazenzisiyo ngale nkqubo, nanjengoko iphuhlisa iingqondo ezincinane kwaye ibakhusela kulwaphulo-mthetho nezinye izinto ezingalunganga ezichaphazela ulutsha.

# I-Harry Gwala izilela ukugqitha emhlabeni kogxa wabo

**Bebenyembezana abasebenzi boMasipala wesiThili iHarry Gwala ngethuba besithi ndlelantle kugxa wabo, olandulele eli kutshanje.**

**UQondokuhle Mdladla usebenze njengomncedisi jikelele kwi-ofisi ekuMasipala iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, ngaphantsi kwesebe lezamanzi.**

Abazili emngcwabeni bamchaze njengomntu obezithethela kwaye ezinikezele emsebenzini wakhe.

Inkonzo yomngcwabo iqhutyelwe eJunction Hall eDonnybrook, waze uMdladla wangcwatyelwa kwikhaya lakhe kwakule ndawo.

Umphathi weenkonzo zemisebenzi kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, uThobile Thelma Thiyane-Magaqa, wenze intetho, emele abasebenzi bomasipala.
Uthe, umfi ebethobekile, nanjengoko bebekhe badibana ubuso ngobuso. "Ngaphandle kokuzithethela, ubonakalise ubuntu nokuhlakanipha koogxa bakhe," utshilo.

Usekela sodolophu uceba T. N. Jojozi, naye ukungqinile oku ngethuba ethuthuzela abazili, egqithisa namazwi ovelwano koothandiweyo bakaMdladla. Uthe akukho lula ukulahlekelwa ngumntu obejonge ikhaya. Uthe usapho lwakhe maluqine.

Uceba Jojozi ukwathe: "UMdlala ebehlonipha kwaye eyindoda emela inyani noba kuphi." Usapho, abahlobo, oogxa bakhe kunye noluntu, bonke bebehlangene beze kuhlonipha ubomi bukaMdladla.

Bonke bangqinilene ukuba ngenene uMasipala wesiThili iHarry Gwala ulahlekelwe kakhulu.











UMdladla uzakukhunjulwa njengegrorha eliwileyo, lwanga usapho lwakhe lungathuthuzelwa bubomi akabuphilileyo.







# IZIPHO KUMAXHOBA EZIKHUKHULA

**Iintsapho ezingaphaya kwekhulu ezonakalelwe zizindlu kwizikhukhula zasekuqaleni konyaka kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, zifumene uncedo olusuka kwimibutho eyohlukeneyo.**

Ezi zipho ziqale kutshanje eBombo Community Hall, ngaphantsi komasipala wasekuhlaleni uMzimkhulu. Bekuluchulumanco lodwa ngelixa abahlali befumana izipho ezisuka kwiRed Cross, Eskom kunye nakwiqela lolawulo lwezentlekele kwisiThili. Icandelo laseHarry Gwala lezentlekele lisebenze nzima ukuhlola umonakalo owenziwe zizikhukhula, nokufumana izidingo zeentsapho ezichaphazelekileyo, ngaphambi kokucela uncedo kubahlawuli beenkonzo zikamasipala abohlukeneyo. Imibutho, iRed Cross kunye no-Eskom, bancedise ngezijumbana ezinezinto zokuthambisa, izinto zombane, iimbiza, ukutya, oomatrasi kunye neengubo. Uceba Nompumelelo Damoyi, ongomnye wabaxhamli uthe, uvuya kakhulu ngoba abahlali bebexhwalekile emva kwezikhukhula kwEyoMqungu 2024. "Abantu abaninzi balehlekelwa ngamakhaya abo kunye nokutya. Icandelo lethu lolawulo lwezentlekele lihlole umonakalo, i-Red Cross kunye no-Eskom bathe ababalibalanga. Siyavuya nanjengoko zingaphaya kwamashumi amabini iintshapho ezifumene inkxaso edingekayo," kutsho uceba Damoyi.

Abahlali abakwazanga ukuchaza umbulelo ngesenzo esihle kangaka. Bekungumzuzu wokonwaba emva kokuhlupheka kukulahlekelwa zizinto zabo ngenxa yezikhukhula. UNkszn. Octavia Dlulisa, uthe: "Ndiziva ndinemincili ngoba umasipala wethu uyasicinga ngexesha lentlupheko," utshilo ebuka izipho zakhe. UNkszn. Thembakazi Nxumalo weRed Cross uthe, ziintsapho ezilikhulu ezizakuxhamla. UMnu. Nhlanhla Mdadane osuka kwisiThili iHarry Gwala, wenze umbulelo egameni lika Nkskz. Thandi Dzanibe, oyintloko yolawulo lwezentlekele kwisiThili. Wenze umbulelo kwiRed Cross, enceda ngalo lonke ixesha ecelwa ukwenza kanjalo.

Uqhubeke wenza umbulelo kwiqela lolawulo lwezentlekele laseDr. Nkosazana Dlamini-Zuma, ooceba beewadi kunye namakomiti eewadi ngentsebenziswano. Ukusuka eBombo Community Hall, baqhubeke baya eGugqini Community Hall.

Kusuku olulandelayo, banikezele ngezipho zohlangulo kumasipala wasekuhlaleni uBuhlebezwe nakumasipala wasekuhlaleni iDr. Nkosazana Dlamini-Zuma ngokulandelana kwabo.

# Umoya Omandla Kunye Nemililo Kuchaphazelekise Okuningi e-Harry Gwala

Kwinyanga yeKhala 2024, kube nomoya omandla kunye nemililo kuMasipala wesiThili iHarry Gwala, nalapho kuchaphazeleke khona oomasipala basekuhlaleni. KuMasipala iGreater Kokstad kubekhona imililo yamadlelo eyenzeke kwiifama eziphantsi kwe-Swartberg, nalapho kuchaphazeleke iifama ezintandathu.

Kuchaphazeleke amakhaya ali111 kunye neefama zemfuyo ezintandathu. Amakhaya angama46 kunye nefama enye ziye zonakala ngokupheleleyo, ngelixa amakhaya angam56 efumene umonzakalo ongephi. Abantu abalishumi nesixhenxe bashiyeke bengena makhaya, kuchaphazeleke abantu abali176, kutshe imfuyo ezili157 kwaze kwachaphazeleka amadlelo kwiindawo ezininzi kwisiThili ngenxa yemililo yamadlelo.

Abolawulo lwezentlekele basabele kule mililo ngokukhawuleza. Iinkonzo zemililo nohlangulo eGKM, abasebenza ngomlilo kunye nabanikazi beefama, baye bancedisana ukucima umlilo. U-ESKOM naye ukhawuleze walungisa iipali zombane ezichaphazelekileyo. Ezinye iipali ezichaphazelekileyo ngumlilo kunye nomoya omandla ziye zahlukaniswa nombane ngokukhawuleza ngu-ESKOM.

| UMHLA | I-WADE | INDAWO | INANI LEMIZI NEMFUYO EZICHAPHAZELEKILEYO |
|---|---|---|---|
| 07 EyeKhala 2024 | 2 & 6 | Evatt farms closer to D618 & Dorning Crushers | Ingca neepali zikaEskom |
| 09 EyeKhala 2024 | 9 & 10 | next to Nolangeni<br>Bhambayi & Marikana | Imizi emibini yonakele |
| 9 & 12 EyeKhala 2024 | 3 | Briden Farm near the Sewage works | Akukho monakalo (Ingca kuphela) |
| 12 EyeKhala 2024 | 6 | Near the Kokstad Landfill site | Akukho monakalo |
| 14 EyeKhala 2024 | | Bultfontein (Ettrick) near Swartberg | Akukho monakalo |
| 14 EyeKhala 2024 | | Springfontein Farm near Makhoba at Swartberg | Akukho monakalo |
| 15 EyeKhala 2024 | 9 | Structural fire at Bhongweni Township | Kutshe iflat enye |
| 20 EyeKhala 2024 | | Klipdrift Farm at Swartberg | Kufe iigusha ezili132 neenkomgo ezingama25 |
| 22 EyeKhala 2024 | | Rietfontein Farm at Franklin | Akukho monakalo |





*Ngasentla: Ngumfanekiso wemfuyo etshiswe ngumlilo wamadlelo eKlif Drift Farm ngaphantsi kweKokstad (Swartberg)*



SEND ME TO BUILD THE MZANSI I WANT

2030 NDP

"Ngokubambisana Siyaphuhlisa Sikhule"

# Imililo eyenzeke kwEyeThupha 2024

### Iifama ezilandelayo zonakaliswe ngumlilo kwiveki yokuqala kwEyeThupha 2024:

- Department of Agriculture Research – Isitishi esihambisa umbane kule fama siye sonakala, kunye neshedi ekugcinwa kuyo ingca
- Kargs Post Farm – amadlelo atshile
- Bosman Rarm – amadlelo atshile
- Kemps Residential Farm – amadlelo atshile
- Old Orchard Lodge – amadlelo atshile

Abemililo nezohlangulo eGreater Kokstad baye basabela kule mililo bexhaswa liqela elisebenza ngomlilo (Working on Fire).






## KuMasipala i-Dr Nkosazana Dlamini-Zuma.

**UMasipala iDr. Nkosazana Dlamini Zuma nawo uye wachaphazeleka ngenxa yemililo yamadlelo, ekhokhelele ekutsheni kwezakhiwo kwaward 1 no 7. Kutshe imizi emithathu, emibini yonakele ngokupheleleyo ngelixa omnye ufumene umonzakalo ongephi. Iintsapho ezichaphazelekileyo zezilandelayo:**

- AbakwaMsomi KwaThunzi (wadi 7)
- Usapho lakwaMsomi KwaThunzi (ward 1)
- Usapho lakwaCele KwaThunzi (ward 1)

Iqela lezentlekele eDr. NDZ lihlole umonakalo laze lanika uncedo kwiintsapho ezichaphazelekileyo.








***Ngasentla: Imifanekiso ebonisa izindlu ezitshiswe ngumlilo eDr. NDZ Local Municipality kwaward 1 no 7 kwiveki yokuqala kwEyeThupha 2024.***





# Impilo entle yabasebenzi ngezemidlalo



**Iqela loMasipala wesiThili iHarry Gwala lidlale kakuhle kakhulu kwi-Umngeni-Uthukela Annual Sport Tournament, nebibanjelwe eSiripat Grounds, eReservoir Hill eThekwini kutshanje.**

Le tumente ebanjwa rhoqo ngonyaka, ibiyolisa kwaye nenani labathabathe inxaxheba lonyuke kakhulu kune minyaka eqhithileyo. Oomasipala abathabathe inxaxheba baquka i-eThekwini Metro, Msunduzi Local Municipality, ooMasipala besiThili i-Ugu, UMgungundlovu kunye neLembe kwakunye neSiza Water ne-Umngeni-Uthukela Water Services (UUW).

Iqela lamadoda kunye nelabasetyhini kwisiThili abe ziintshatsheli zale tumente.

Kumdlalo womnyazi, iqela labasetyhini laseHarry Gwala libethwe ngu-Ugu kumdlalo owandulela owamagqibela kaNkqoyi, ngelixa lebhola ekhatywayo labasetyini lidlale kakuhle kakhulu. Iqela lebhola ekhatywayo lamadoda nalo lidlale kakuhle. Onke amaqela abemele uMasipala wesiThili adlale kakuhle, ebonisa umoya wobumbano nempilo entle ngezemidlalo.












Umphathi womasipala uMnu. G. M. Sineke wamkele indebe efunyenwe ziintshatsheli zeVolleyball kwi-ofisi yakhe, waze wabulela iqela leHarry Gwala.

Umngeni-Uthukela Water, umele abaququzeleli, wenze umbulelo kumaqela athabathe inxaxheba.
“Sithanda ukuthabatha eli thuba ukubonga bonke oomasipala/amaqumrhu athabathe inxaxheba kwitumente yalo nyaka. Nangona bekukhona amagingxi-gingxi apha naphaya, kodwa ekugqibeleni le tumente ibe yimpumelelo. Sithi huntshu kuzo zonke iintshatsheli zemidlalo ehlukeneyo. Sithi ngxe kwabo abangaphumelelanga,” utshilo Umphathi womasipala uMnu. G. M. Sineke

Uqhube wathi: “Enye yeenjongo ibukukuqubisana, siqinise ubuhlobo obuhle nobumbano. Ekugqibeleni, kusoloko kukhona intshatsheli enye kuphela kuhlobo ngalinye lomdlalo. Ngaphandle kokuzimisela nenkxaso yenu, le tumente ibingazuba yimpumelelo. Siyazingca ngendlela eniziphethe ngayo kwade kwasekupheleni kwetumente.”

“Kwabo abafumene umonzakalo ngethuba kuqhuba itumente, nokuba kukuziphatha kwabanye abadlali okanye oonompempe, siyabaxolisela. Ndinethemba lokuba sizakuphucuka ngakumbi kunyaka ozayo xa sidibana kwakhona eSouth Coast, nanjengoko sizakube sikuMasipala wesiThili i-Ugu. Masithabathe isifundo kule tumente ukuze siphucuke. I-UUW isazimisele ukuqhubeka netumente nabaxhamli bayo, ibadibanise ndawonye ukukhuthaza impilo entle kubasebenzi,” kugqibezela uMnu. G. M. Sineke

